



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

IIMVAVANYO ZONYAKA NONYAKA KUZWELONKE

IBANGA 3

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA

ULUHLU 3: IPHEPHA ELINGUMZEKELO 2012

Isikhokelo sokusebenzisa imizekelo ka-ANA

1. Umbono jikelele

Uvavanyo lonyaka nonyaka (ANA) luvavanyo oludibeneyo lolwazi nezakhono ezifanele ukuphuhliswa, kubafundi bebanga lo-l ukuya kwele-6 kunye nele-9. Ukuncedisana novavanyo oluqhutywa esikolweni nokuqinisekisa ukuba abafundi bazithemba ngokwaneleyo ukuze bathathe inxaxheba ngempumelelo kwiimviwo zangaphandle, uluhlu lootitshala kunye neencutshe kwizifundo bavelise iimvavanyo eziyimizekelo ezinokusetyenziswa ngootitshala kwizifundo zoLwimi Lwasekhaya neMathematika. Unikwe imibuzo yemizekelo yemvavanyo ethatyathwe kumsebenzi wesikolo wonyaka wekharithulam ukusuka kwikota yokuqala, eyesibini neyesithathu, kunye nesiboniso esipheleleyo sovavanyo (ANA) sebanga ngalinye. Imizekelo yovavanyo equka nesiboniso esipheleleyo soviwo zongeza kuvavanyo oluqhubekayo esikolweni olwenziwa qho kubafundi nekufuneka lungayekwa.

2. Unxulumano namanye amacebiso okufunda nokufundisa

Ngenxa yokubaluleka kokudibanisa eyindlela yokufundisa, eminye imibuzo ekwimizekelo yeemvavanyo inxulunyaniswe neeNcwadi Zomsebenzi ngokwamabanga. Imizekelo yeemvavanyo ilinganiswe neemfuno zekharithulam, kusetyenziswe amaxwebhu ekharithulam i-National Curriculum Statement Grades R-12 (NCS) ne-Curriculum and Assessment Policy Statements (CAPS) kumabanga ngamabanga, kusetyenziswe nendlela yokuhlola esemthethweni (National Protocol for Assessment). La maxwebhu ewonke kunye nalawo isikolo siwanika utitshala ukuze enze amacebiso angawo okunceda utitshala xa elungiselela izifundo kwakunye naxa esenza uvavanyo olusesikweni.

3. Unxulumano nezinye izixhobo zokufunda nokufundisa

Ukuze kubekho unxulumano olufanelekileyo, eminye imizekelo yezicatshulwa nemibuzo idityaniswe kwiincwadi zokusebenzela zamabanga ngamabanga ezingqale kumgangatho wabafundi. Le mizekelo ilungelelanisiwe ukuze iqwalasele iimfuneko zeNkcazelo yeKharithulam yeSizwe yamabanga R ukuya ku 12 (NCS), iinjongo zekharithulam, iNkcazelo yePolisi yeKharithulam enxulumene namabanga abafundi kunye nendlela yokuhlola esemthethweni. Yonke le miqulu kwakunye neminye imiqulu enokufumaneka esikolweni izizixhobo ezingundoqo ezinokusetyenziswa ukuncedisa ootitshala njengoko bequlunqa izifundo belawula nohlolo olungundoqo (uhlolo olukhulisayo).

4. Isetyenziswa njani imizekelo yovavanyo

Nangona imizekelo yovavanyo yebanga ngalinye nesifundo ngasinye yenziwe yaza yadityaniswa, utitshala akanyanzelekanga ukuba abafundi abaphendulise ngexesha elinye. Utitshala makakhethe umzekelo onombuzo onxulumene nesifundo asilungiseleleyo. Imibuzo ekhethwe kumzekelo vavanyo okanye iqela lemibuzo enokuphenduleka ngexesha elinye ingasetyenziswa ngokuyekukhula ukufunda nokufundisa ngolu hlobo:

- 4.1 Ekuqaleni kwesifundo, njengovavanyo lokuqonda nokwahlula izinto abafundi abakwazi ukuzenza/abazaziyo nezo bangakwazi ukuzenza/bangazaziyo. Ukuqonda lo mahluko kukhokhelela ekubeni abafundi bacoselelwe ukufundiswa nokuze kwakhiwe izifundo ezilungele ukulungisa ezo ngxaki banazo baze baphucule ukuqonda. Olu vavanyo lokuqonda lungenziwa umsebenzi wasekhaya ukonga ixesha.
- 4.2 Kwisifundo phakathi, uvavanyo olucwangcisiweyo lusetyenziswa ukuvavanya ukuba ulwazi nezakhono zabafundi ziyaphuhla na. Njengoko isifundo siqhuba lukwasetyenziswa ukuvavanya nokuqinisekisa ukuba akukho mfundi ushiyekayo kwisifundo.
- 4.3 Ukugqibezela isifundo okanye iqela lezifundo uvavanyo oludityanisiweyo luyenziwa ukuvavanya ukuba abafundi bayaqonda kwaye bayakwazi ukusebenzisa ulwazi nezakhono abazifumene kwizifundo. Inkcaza yokuba abafundi baqhube njani mabayinikwe ngoko nangoko, ngelo xesha utitshala wenza isigqibo ngeendawo ezifuna ukuphindwa kwisifundo okanye kwizifundo ukuncedisa ulwazi okanye izakhono ezingaphuhlanga.
- 4.4 Kuwo onke la manqanaba makusetyenziswe iindlela ngeendlela zokubuzwa, umz. indlela yokuphendula ngokukhetha kwiimpendulo azinikiweyo, imibuzo efuna impendulo yakhe, imibuzo efuna impendulo emfutshane, njalo-njalo.

Nangona uvavanyo lokufumana ukuqonda novavanyo lokwakha ulwazi lusenokuba lufutshane ngokwemibuzo, uvavanyo oludityanisiweyo lunokuquka imibuzo emininzi kuxhomekeka kumsebenzi osele wenziwe. Okubalulekileyo kukuqinisekisa ukuba abafundi baqhelaniswa nendlela yokuphendula uvavanyo olupheleleyo olufana novavanyo lukazwelonke lonyaka nonyaka (ANA).

5. Imemorandam okanye iindlela zokuphendula

Umzekelo wendlela yokuphendula okanye iimpendulo ezilindelekileyo zilungiselelwe kumzekelo wovavanyo. Ootitshala mabakhumbule ukuba imemorandam ayiniki mpendulo igqibeleleyo, Imemorandam inika nje kuphela iimpendulo ezilindelekileyo, ngoko utitshala angamnika umfundi amanqaku ngeempendulo ezahlukeneyo, ezivumelekileyo ezinikwe ngabafundi.

6. Ukugutyungelwa kwekharithulam

Kunyanzelekile ukuba ikharithulam igutyungelwe yonke kwibanga ngalinye. Imizekelo yovavanyo yebanga ngalinye ayimeli ikharithulam, ikhupha nje iisampula zovavanyo lolwazi nezakhono ezibalulekileyo kwaye zezomsebenzi wekota yokuqala ukuya kweyesithathu yonyaka Isantya sokusebenza somsebenzi ekufuneka wenziwe sinikezelwe kumaxwebhu ekharithulam (CAPS DOCUMENTS).

7. Ukuphetha

Injongo yeSebe leMfundo kukuphucula nokwakha ezona zisekelo zibalulekileyo, ukufunda nokubala kwabafundi. Uvavanyo lonyaka nonyaka sesinye sezixhobo iSebe leMfundo esisebenzisa ukuqaphela ukuba umgangatho wabafundi uyenyuka, uhleli ndawonye okanye uyehla. Izithili nezikolo kulindeleke ukuba zancedise ootitshala kwaye zidlulise amacebo aluncedo ukuphucula ukufunda nokufundisa ezikolweni. Ngokusebenzisa imizekelo yokuvavanya njengelinye icebiso lokufundisa, ootitshala baza kunceda abafundi baqhelane neendlela nobuchule bokuvavanya. Ukusetyenziswa kwale mizekelo kuya kunceda abafundi bafumane ulwazi olufanelekileyo baze baphuhlise nezakhono ezinxulumene nokufunda ukuze baphucule kuvavanyo lukazwelonke olulandelayo.

Funda ibali uze uphendule imibuzo.

Kudala dala, iindlovu zazingenayo imiboko. Iimpumlo zazo zazimfutshane.

Inkonyana leendlovu lalinomdla wokwazi lamana libuza le mibuzo:

"Nciniba, kutheni iintsiba zakho zikhula zibende kangaka?

Ndlulamthi, kutheni ufele lwakho lunamachokoza?

Mvubu, uvuleka njani umlomo wakho ube banzi olu hlobo?"

Ngenye intseni inkonyana lendlovu labuza, "

Zitya ntoni iingwenya?"

Izilwanyana zalixelela ukuba lingaphinde liwubuze loo mbuzo kwakhona.

Inkonyana lendlovu lalingazi ukuba kutheni lingazi kuphinda liwubuze loo mbuzo !

Ladibana nentaka lathi, "Ekhaya kuthiwe ndingaphinde ndiwubuze lo mbuzo kwakhona, kodwa ndisafuna ukwazi ukuba iiNgwenya zitya ntoni!"

Intaka yaphendula, "Hamba yiya emlanjeni uze ubuze kwiNgwenya."

Inkonyana leNdlovu layibona iNgwenya emlanjeni.

"Bendikukhangela, Ngwenya!" latsho. "Ungandixelela ukuba utya ntoni?"

I Ngwenya yasineka yathi, "Sondela, ndiza kukuhlebela".

Inkonyana leNdlovu lasondeza intloko yalo kwiNgwenya.

"Ndicinga ukuba," yatsho iNgwenya, "Namhlanje ndiza kuqala ngenkonyana leNdlovu !"

Ngequbuliso iNgwenya yayibamba ngempumlwana yayo.

Inkonyana leNdlovu lakhala, "Ndiyeke! Kubuhlungu !"

I Ngwenya yaqalisa ukutsala ngamandla.

Njengoko litsala, impumlo yaye itsaleka! Latsala, latsala yada impumlo yalo yande kakhulu

I Ngwenya yayiyeka impumlo yalo idyumpuza !

Usizana lwenkonyana leNdlovu lwahamba lunempumlo ende nedumbe kukhulu !

Yawufumana ngolo hlobo indlovu umboko wayo.

1.1 **Lingantoni ibali?**

1.2 **Ngoobani abalinganiswa ababini abaphambili ebalini?**

I bali lingene.....

1.3 **Lisifundisa ntoni ibali?**

1.4 **Khetha impendulo efanelekileyo. Biyela unobumba onempendulo efanelekileyo.**

I bali lisixelela ukuba sifanele....

- A Senze oko abahlobo bethu bathi masikwenze.
- B Senze oko sifuna ukukwenza.
- C Simamele emakhaya.
- D Senze into esiyithandayo.

1.5 **Khetha impendulo efanelekileyo. Biyela unobumba onempendulo efanelekileyo.**

I bali lingezilwanyana ezibini. Zeziphi?

- A YiNdlovu Nentaka
- B YiNdlovu neNgwenya
- C Linkonyana leNdlovu neNgwenya
- D Linkonyana leNdlovu nezilwanyana



2. Jonga isaziso esingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

Usuku oluvulelekileyo

Kumyezo wezilwanyana

Phi: Emyezweni

Nini: NgoMgqibelo 14 Septemba 2012

Ixesha: Ukusuka ngo-9:00 ukuya ku- 16:00

Amangeno: Sisisulu

Yiza wonwabe.

Jonga izilwanyana.

Yondla iinkawu

Yiya kukhwela amahashe.

Dlala nemivundla. AMAQEBENGWANA, IIPITSA, IIBHEGA,

IZISELO EZIBANDAYO

ziyathengiswa

Sincedisana nekhaya labantwana



2.1 **Khetha impendulo efanelekileyo. Biyela unobumba onempendulo efanelekileyo.**

Yintoni isilwanyana isinemigca emnyana nemhlophe ekhangenleka ngathi lihashe?

- A. Linkonyana lehashe.
- B. Yingwe.
- C. Liqwarhashe.
- D. Yimbongolo.

2.2 **Gqibezela esi sivakalisi ngokufakela igama elifanelekileyo.**

Usuku oluvulelekileyo kumyezo wezilwanyana lungo.....
(Mvulo Lwesithathu Lwesine Mgqibelo).

2.3 **Biyela ixesha elifanelekileyo.**

Usuku oluvulelekileyo kumyezo wezilwanyana luya kuphela nini?
(16:00 6:00 4:00 9:00).

2.4 **Krwelela eyona mpendulo ichanileyo.**

(Ukutya Izilwanyana Imali Iziselo ezibandayo)
ku/ziqokelelelwa iKhaya Labantwana.

2.5 **Biyela unobumba onempendulo efanelekileyo.**

Ihlala kwindlu yezilwanyana kumyezo wezilwanyana.

- A Izilo-qabane
- B Abantu
- C Ookrebe
- D Izilwanyana

3. **Funda ivesi yabantwana uze uphendule imibuzo.**

**Emyezweni sibone ibhere ,
Inoboya obude, obumdaka nobungacacanga.
Sibone ingonyama kwindlu yezilwanyana,
Yayibhabhama ngokoyikekayo.**

**Sabona indlulamthi enkulu, enentamo ende,
Kunye neziphuku-phuku zeenkawu ezazisihlekisa.**

**Kodwa esona silwanyana ndisithandayo kumyezo wezilwanyana,
Yindlovu, wena uthanda esiphi?**



3.1 **Khetha eyona mpendulo ifanelekileyo kwivesi yabantwana engasentla. Biyela unobumba onempendulo.**

Sisiphi isilwanyana esinoboya obumdaka, nobungacacanga?

- A Yindlulamthi
- B Yindlovu
- C Yibhere
- D Yingonyama

3.2 **Gqibezela esi sivakalisi.**

I ndlulamthi ine.....ende kukhulu.

3.3 **Khetha uze ubiyela unobumba onempendulo efanelekileyo.**

Abantu bayathetha, kodwa iingonyama ...

- A ziyakhala.
- B ziyakhonkotha.
- C ziyagquma.
- D ziyathsithsiza.

3.4 **Krwelela impendulo efanelekileyo yombuzo ongezantsi.**

Sisiphi isilwanyana kumyezo wezilwanyana esisihlekisayo?
(yibhere yinkawu yindlovu yindlulamthi).

3.5 **Phendula umbuzo ngawakho amazwi.**

Sisiphi isilwanyana esaziwa nj engenkosi yezilwanyana?

4. **Funda le ntetho yokuqhula uze uphendule imibuzo elandelayo.**

Umvundla wangena kwivenkile yokutyela nengonyama. Umququzeleli wabatyayo wabahlalisa waze wabuza kumvundla, "Uza kutya ntoni?"

"Ndiphathele icala lentloko yelethasi," watsho umvundla.

Umququzeleli wabatyayo wajonga engonyameni waza wathi, "Uza kutya ntoni? "

"Ingonyama? Ayizukutya," Waphendula umvundla .

Umququzeleli wabatyayo wabuza, "Ngoba, ayilambanga?"

Umvundla waphendula, "Ukuba ibilambile, ucinga ukuba ngendisaphila?"



4.1 **Khetha igama elifanelekieyo ukudibanisa ezi zivakalisi zibini. Biyela igama.**

Umvundla ungena kwivenkile yokutyela ... acele ukutya ilethasi.
(aze ne xa kodwa)

4.2 **Krwelela igama elifanelekileyo (isihlanganisi).**

Ndabona inkawu isenza izimbo (kunye kodwa nge ne) ngonyama ilele.

4.3 **Dibanisa ezi zivakalisi usebenzisa isihlanganisi esifanelekileyo.**

Umququzeleli wabatyayo uyabahlalisa. Ababuze ukuba bangathanda ukutya ntoni.

4.4 **Biyela isihlanganisi (igama elidibanisayo) kwisivakalisi.**

Iinkawu zijinga kwizindlu zazo zezilwanyana (nge,ne,kodwa,kunye) ingonyama ihleli ekoneni iyagquma.

4.5 **Dibanisa ezi zivakalisi zibini ngesihlanganisi u"kodwa".**

Umvundla utya iminqathe. Ingonyama itya inyama.

5.1 **Khetha igama elifanelekileyo. Libhale kwisithuba osinikiweyo.**

Ndenzakale..... (edolweni idolo).
(Ndiyazi ndiyakwazi)ukubhala igama lam.

5.2 **Biyela impendulo efanelekileyo.**

Umntwana wegusha li... .

- A tikana.
- B takane.
- C tukana.
- D tekwane.

5.3 **Krwelela amagama afanelekileyo.**



bhala bhalwa



songelisa songa

5.4 **Jonga umfanekiso uze ugqibezele igama.**



ivo.....



ika.....

5.5 **Krwelela amagama angafanelekanga.**

Umntwana wenkomo li (thole thola thule tholo).

6.1 **Khetha igama elifanelekileyo. Biyela unobumba onempendulo efanelekileyo.**

Iintaka ... esibhaka-bhakeni.

- A zibhabho
- B zibhobha
- C zibhobho
- D zibhabha

6.2 **Biyela unobumba onegama elifanelekileyo, liliphi igama elipelwe ngokufanayo nelinye kodwa intsingiselo yahlukile, ukugqibezela isivakalisi.**

Luhle ... lukaPhelokazi.

Lungaphakwa ... kuba luvuthiwe.

- A ilusu
- B ilisu
- C ulusu
- D ulusi

6.3 **Krwelela impendulo efanelekileyo.**

Leliphi igama elinokusetyenziswa kuzo zozibini izivakalisi?

Umama utshayela... elimdaka elokhweni yam lihlambekile.

ubala, ibala ibali ibalu

6.4 **Sebenzisa igama "umkhala" kwizivakalisi ezibini ukubonakalisa umahluko.**

6.5 **Khetha igama elifanekileyo. Biyela unobumba onempendulo yakho.**

Intombazana....

- A iyakhanyo
- B iyakhonya
- C iyakhanya
- D iyakhenya

7.1 **Khetha igama elifanelekileyo. Biyela impendulo yakho.**

Ndibone ... efama.

- A umvundla
- B umvundlo
- C umvundle
- D umvundlu

7.2 **Khetha impendulo efanelekileyo. Biyela unobumba onempendulo efanelekileyo.**

Ndithanda ukutya....

- A ipare.
- B ipere.
- C ipare.
- D ipero.

7.3 **Funda isivakalisi uze ukrwelele igama elifanelekileyo.**

(Ilungu Ilanga) likhanya qaqambileyo.

7.4 **Jonga umfanekiso uze ukhethe igama elifanelekileyo.**



I zolo ndibaleke ndanyuka.....(izonyuki izonyuko)

7.5 **Yakha isivakalisi ngegama - umsila.**

8.1 **Phinda ubhale la magama alandelayo ngokudibanisa.**

ingonyama

imvubu

8.2 **Krwelela igama elifanelekileyo.**

Kukho (iposi, ipasi) eninzi kwibhokisi yeposi .

8.3 **Phinda ubhale esi sivakalisi ngokudibanisa.**

Kukho izilwanyana ezihle kumyezo wezilwanyana.

8.4 **Fakela igama elishiyweyo. Libhale udibanisa.**

Umntwana wengonyama li.....

8.5 **Biyela igama elifanelekileyo uze uphinde ulibhale ngokudibanisa.**

Uyibonile (indlovu indlavu) kumyezo wezilwanyana?

9.1 **Phinda ubhale isivakalisi esilandelayo ngokudibanisa.**

Ndiyayoyika ingwenya.

10.4 **Bhala inqaku kwiphepha-ndaba elinezivakalisi ezi-5, cela abantu bonke bancedise ukunyusa ingxowa yeKhaya Labantwana.**

10.5 **Chaza uhlobo lwesivakalisi esingezantsi.
Khetha uze ubiyele unobumba onempendulo efanelekileyo.**

Thatha impahla zakho emgangathweni!

- A ingxelo.
- B umyalelo.
- C isivakalisi.
- D umbuzo.

11.1 **Khetha uze ubiyele unobumba onesenzi esifanelekileyo .**

... esikolweni.

- A Nduya
- B Ndaya
- C Ndiya
- D Ndiyo

11.2 **Krwelela izibizo kwezi zivakalisi zilandandeyo.**

Inkwenkwe itya ukutya kwayo.

Ndibona inenekazi emnyango.

11.3 **Biyela izichazi kwizivakalisi ezilandeyo.**

Inenekazi elihle likama inwele zalo.

Indoda ende ifunda iphepha-ndaba.

11.4 **Fakela amagama afanelekileyo ukugqibezela izivakalisi.**

Uluhlu A	Uluhlu B
11.4.1 Ingonyana enye kodwa.....	A. iinkawu ezininzi.
11.4.2 Inkawu enye kodwa.....	B. iingonyama ezininzi.

11.5 **Fakela isichazi esifanelekileyo kwisivakalisi.**

Amakhwenkwe abaleka....., ukuze afike esikolweni ngethuba.

Intombazana ihamba,kuba iinyawo zayo zidumbile.

12.1 **Bhala ubuncinane izivakalisi ezi - 10 ngesihloko osithandayo.**

12.2 **Bhala ubuncinane izivakalisi ezi - 10 ngotyelelo lwakho kumyezo wezilwanyana.**

12.3 **Bhala ibali lakho libe nezivakalisi ezi - 10 ngesilwanyana. Nika ibali lakho isihloko.**

12.4 **Bhala ibali lakho lingabi nezivakalisi ezingaphantsi kwe- 8 ngotyelelo lwakho kumyezo wezilwanyana .**

12.5 **Gqibezela eli bali lilandelayo ngezivakalisi ezingekho ngaphezulu kwe - 8.**

Kudala-dala kwokukho inkawana esileyo. Yayisoloko isengxakini! Ngenye imini, nj engoko abantwana besikolo babetyelele kumyezo wezilwanyana, ya

13.1 **Phinda ubhale esi sivakalisi usebenzisa indlela efanelekileyo yokubhala.**

Abantwana bathi mama kufuneka siye kumyezo wezilwanyana ngomgqibelo

13.2 **Phinda ubhale isivakalisi usebenzise indlela yokubhala efanelekileyo.**

ziphi iinkawu iingonyama neendlulamthi

13.3 **Bhala izivakalisi ezi - 3 (umhlath o-1) usebenzisa ezi mpawu zokubhala zilandelayo:**

iikoma, oonobumba abakhulu, uphawu lokukhuza,
isingxi, iimpawu zocaphulo.

13.4 **Khetha uphawu lokubhala olufanelekileyo kwisivakalisi esilandelayo. Lubeke kwindawo efanelekileyo.**

, . ? ! " "

Uya phi

13.5 **Lungisa indlela yokubhala kumhlathi olandelayo. Phinda ubhale isivakalisi.**

**nilale kakuhle nonke utsho uhari. zzz wahamba
ulusi utomi nosandi. uhari akakwazi ukulala
ngaba ubuthongo buya kuza**

14.1 **Khetha impendulo echanileyo. Biyela unobumba onempendulo efanelekileyo.**

Kukho ... amabini e-ofisini .

- A amaduda
- B amadudu
- C amadoda
- D indoda

14.2 **Krwelela igama elifanelekileyo.**

Intombazana ibhala (kuhle kakuhle kahle buhle).

14.3 **Khetha impendulo efanelekileyo. Biyela unobumba onempendulo yakho.**

Ndina ... amaninzi emlonyeni wam.

- A mezinzo
- B mazinzo
- C mazunyu
- D mezinzo

14.4 **Tshatisa amagama akwisinye nakwisininzi.**

Uluhlu A	Uluhlu B
14.4.1 umfazi	A. abafazi
14.4.2 igqwirha	B. amagqwirha

14.5 **Jonga umfanekiso uze ubhale isininzi esifanelekileyo kwisivakalisi.**



Ndithanda ukunqunqela.....kwibhenga yam.

15.1 **Khetha igama elifanelekileyo. Biyela unobumba onempendulo yakho.**

Sihlala ... enkulu.

- A endlini.
- B endlina.
- C endlu.
- D endlwini.

15.2 **Fakela igama elishiyiweyo.**



Ndingalixela ixesha ngokuj onga yam.

15.3 **Khetha uze ukrwelele igama elifanelekileyo.**

Kumnyama (ebusuku ekusuku ebusika ebusoko).

15.4 **Biyela igama elifanelekileyo.**

Ndithanda ukuphunga ... eshushu ekuseni.

ikofa ikofu ikafu ikofe

15.5 **Gqibezela esi sivakalisi.**

I nenekazi elindinceda ukuba ndifunde esikolweni ngu
.....wam.

